

8



UYolanda omthubi

Umxholo: Izimo nemibala kwindawo endihlala kuyo



UYolanda wayewuthanda umbala omthubi.

Wathi akubuza umama, "Ufuna ntoni ngesidlo sangokuhlwa?"
UYolanda waphendula wathi, "Ndicela irayisi emthubi."

Wathi akuthi utata, "Uza kusela ntoni?"
Wathi uYolanda, "Ndicela ubisi olumthubi."

Wathi akubhala umakhulu, "Ndikunithele ntoni?"
UYolanda waphendula wathi, "Ndicela isikhafu esimthubi."



"Yizokupeyinta indlu kanodoli wam, Yolanda omthubi," watsho uAmi, oyena mhlobo wakhe mkhulu.

UAmi wathi, "Igumbi lokulala kufuneka libe luhlaza."
Balipeyinta luhlaza igumbi lokulala.
Yhoo!

UAmi wathi, "Ndicela igumbi lokuphekela eli-orenji."
Balipeyinta orenji igumbi lokuphekela.
Nantso ke!

UAmi wathi, "Ndicela igumbi lokuhlambela elizuba."
Balipeyinta zuba igumbi lokuhlambela.
Yhu!





UYolanda wayefuna ukukhala.
Ii-ovaroli zakhe ezimthubi zazingcolile.
“Sukukhala,” watsho uAmi, “Yizokubona!”

UYolanda wazijonga esipilini.
Ii-ovaroli zakhe zazintle.

“Akusekho Yolanda umthubi,” watsho uAmi.
“Ukususela ngoku, unguYolanda woMnyama!”

“Ndiyavuma!” watsho uYolanda.